



It starts with a story...

Stories are not only for bedtime!

Do you read to your children regularly? Many parents who read to their children do this as part of their children's bedtime routine. They cuddle up to their children and read a story or two before its time for their children to drift off to dreamland. Bedtime stories are an easy way of helping your children to relax at the end of a busy day. The bonus is that while you are reading to your children, you are also developing their understanding of how books and stories work, and so you're making it easier for them to learn to read.

But bedtime is not the only story time available to us! There are plenty of other opportunities for us to weave stories into our children's daily lives. Arabella Koopman, from Nal'ibali, shares two examples from her own life.

“As a young child, I was an extremely slow eater. At supper time, everyone else would have finished their meal, but I would only be about half-way through mine! My parents used to nag me to eat, but it didn't really make any difference.

Then one day, my father invented a character called Timothy Topkin and made up stories about him as a way of getting me to eat quicker! This is how it worked: while I kept eating, the latest adventure featuring Timothy and his friends continued. As soon as I stopped eating, the story would stop too. I loved Timothy Topkin and so I kept eating steadily. Problem solved!

Then later in life when I was a parent, I had a toddler who refused to get out of the bath – she always wanted to play in the water some more! Bath time would always end in tears, so I was looking for a way to change this. Stories came to my rescue! Every bath time, after my daughter had played in the water for a while, I would tell her it was story time. I would start reading her a storybook until I got about halfway through and then she would have to get out of the bath for the story to continue. She always did this happily and every evening we completed the story with her sitting on my lap wrapped in a towel.”

Whether you use stories as a way of relaxing your children, or to get them to do something they don't really want to do, or to pass the time while you wait for an appointment, your children are learning that reading and listening to stories feels good. And it is this that helps to make them lifelong readers. So, go on, share stories anywhere and any time!

Amabali ayingawexesha lakulala nje kuphela!

Ingaba ubafundela rhoqo abantwana bakho? Uninzi lwabazali ababafundelayo abantwana babo, bakwenza oku njengenxalenye yezinto zesiqhelo ezenziwa ngexesha lokulala. Bahlalela kufuphi nabantwana babo, baze babafundele ibali elinye okanye amabini phambi kokuba abantwana abo bozele, balale. Amabali angexesha lokulala yindlela elula yokunceda abantwana bakho baphumle, bazole emva kosuku oluxakekileyo. Ibhaso loku ke kukuba, lo gama ufundela abantwana bakho, ukwaphuhlisa nokuqonda kwabo indlela ezisebenza ngayo iincwadi kunye namabali, ngoko ke wenza kube lula kubo ukuba bafunde ukufunda.

Kodwa ke, ixesha lokulala ayikokuphela kwexesha leballi esinalo! Maninzi kakhulu amanye amathuba esiwafumanayo okudidiyela amabali njengenxalenye yobomi babantwana bethu bemihla ngemihla. U-Arabella Koopman wakwaNal'ibali, wabelana nathi ngemizekelo emibini kobakhe ubomi.

“Ebuntwaneni bam, ndandithatha ixesha elide kakhulu ukugqiba ukutya. Ngexesha lesidlo sangokuhlwa, wayesithi xa wonke umntu egqibezela ukutya isidlo sakhe, mna ndibe ndisatye nje isiqingatha kokwam ukutya! Abazali bam babendingxolisela ukucothisa kwam ukutya mihla le, kodwa oko zange kwenze nomcinci umahluko.

Kuthe ngenye imini, utata wam wayila umlinganiswa awambiza ngokuba nguTimothy Topkin, waza wenza amabali ngaye ukuze ndikwazi ukutya ngokukhawuleza! Kwakuhambeka ngolu hlobo ke: ukuba ndiyatya, amahlandinyuka kaTimothy nabahlobo bakhe nawo ayeqhubeka. Kodwa ukuba ndikhe ndayeka ukutya ibali nalo lalingumama. Ndandimthanda kakhulu uTimothy Topkin, kungoko ke nam ndandiqhubeka nokutya ukuze lingemi ibali. Yabe ke iyasombululeka ingxaki yam yokutya ngolo hlobo!

Ekuhambeni kwexesha xa nam sele ndingumzali, ndandinomntwana osabhadazayo owayengafuni ukuphuma ebhafini xa ehlanjwa – wayesoloko efuna ukudlala emanzini ixesha elide! Ixesha lokuhlamba lalisoloko liphela sekunyembezana, ngoko ke ndakhangela indlela yokukutshintsha oku. Amabali andihlangula kule meko! Xa ilxesha lokuhlamba, emva kokuba intombi yam ikhe yadlala-dlala emanzini umzuzwana, ndandimxelela ukuba ngoku ilxesha leballi. Ndandiqalisa ukufunda incwadi yamabali yakhe esesebhafini, ndide ndibesembindini wayo, ze ke kufuneke ukuba aphume ebhafini ukuze ibali liqhubeke. Wayekwenza oko onwabile kwaye ke, qho ngokuhlwa, sasiligqibezela ibali sele ndimsingathile, ezibhijele ngetawuli.”

Nokuba uwasebenzisa amabali njengento yokuphumza nokuzolisa abantwana bakho, okanye into yokubenza ukuba benze into ethile abangafuniyo ukuyenza, okanye yinto yokuhambisa ixesha lo gama nilinde idinga, abantwana bakho bafunda ukuba ukufunda nokumamela amabali kumnandi. Kwaye ke yile nto kanye ebanceda ukuba babengabafundi ubomi babo bonke. Ngoko ke, qhubeka, usabelana nabo ngamabali naphi na, nanini na!



Drive your imagination

Story Power.

Bring it home.
Wazise ekhaya amandla eballi.



Story stars

The pavement bookworm

Philani Dladla grew up with big dreams in a small town in KwaZulu-Natal. Today he is known all over the world. Philani spoke to Nal'ibali about his passion for sharing the power of reading and told us how books have shaped his life.

What was the first book you owned?

It was a book about politics. It was written in English and meant for adults, so it was difficult for me to read because I spoke Zulu as my home language, and I was only 12 years old! But I loved it. It was given to me by the old man my mother worked for.

How did reading save your life?

Later on, I moved to Johannesburg to work. Things were going well for me, but then everything changed. I took drugs to fit in with my new friends and became addicted. In a short time, I lost everything I had worked for and was living on the streets. There I saw horrible things happen to the people around me, and it made me realise that my addiction would kill me. I decided I needed to save myself. I chose not to keep any money I got so that I couldn't buy drugs. Anything I got, I immediately spent on food ... and books. I read self-help books to deal with my addiction, but I also read novels and biographies.

How did you use books to earn money?

I started reviewing the books I read. Then I would stand along a busy road in Johannesburg and give my reviews to the motorists who passed by. If they liked the review, then they would buy the book from me. That is how I became known as "the pavement bookworm".

What happened next?

One day, a filmmaker interviewed me. He posted the video on the Internet and it went viral. It changed my life. Now people ask me to give talks about reading and books. I have become friends with authors, journalists and professors around the world.

Tell us about your reading club.

I run a reading club close to where I live. It is called Book Readers' Club. Children from the area come here to get together and enjoy sharing books and stories.

Why is reading important?

Reading is a weapon to fight social challenges. If you read, you think.



Philani Dladla
UPhilani Dladla

You can find out more about Philani on his website www.pavementbookworm.co.za.

Ungafumanisa nangaphezulu koku ngoPhilani kwiwebhusayithi yakhe ku-www.pavementbookworm.co.za.

Iimbilasane zamabali

Ithanda-ncwadi lasecaleni kwendlela

UPhilani Dladla wakhulela kwidolophana eKwaZulu-Natala, enamaphupha amakhulu. Kunamhlanje nje waziwa kulo lonke ihlabathi. UPhilani uthethe nabakwaNal'ibali malunga nothando lwakhe olondeleyo lokwabelana nabanye ngamandla okufunda kwaye usixelele nendlela iincwadi ezibuxonxe ngayo ubomi bakhe.

Yeyiphi incwadi yakho yokuqala?

Yayiyincwadi emalunga nezopolitiko. Yayibhalwe ngesiNgesi kwaye yayilungiselelwe abantu abadala, ngoko ke kwakundinzimela ukuyifunda kuba ulwimi lwam lweenkobe yayisisiZulu, kwaye ndandineminyakana nje eli-12 kuphela ubudala! Kodwa ndandiyithanda kakhulu. Ndandiyiphiwe lixhego elalisetyenzelwa ngumama.

Kubusindise njani ubomi bakho ukufunda?

Ekuhambeni kweminyaka, ndiye ndaya kuphangela eRhawutini. Izinto zandihambela kakuhle kakhulu okwethutyana, kodwa konke kwasuka kwatshintsha. Ndiye ndasebenzisa iziyobisi ukuze ndamkeleke kubahlobo bam abatsha, ndaze ndarhurha. Ngexeshana nje elingephi, ndalahlekelwa yinto yonke endandiyisebenzele, ndaze ndaphela ndihlala ezitalatweni. Apho ndabona izinto ezimbi zisehlela abantu abandingqongileyo, kwaza oko kwandenza ukuba ndiqonde ukuba ukurhurha kwam kuza kundibulala. Ndagqiba kwelokuba kufuneka ndizisindisile koku. Ndakhetha ukuba ndingacini nesenti kwimali endithe ndayifumana ukuze ndingakwazi ukuthenga iziyobisi. Yonke imali endithe ndayifumana ndandiyichitha ekutyeni ... nasezincwadini. Ndandifunda iincwadi zokuzinceda ukuze ndijongane nokurhurha kwam, kodwa ndandifunda neenovelis kunye neebhayografi.

Wawuzisebenzisa njani iincwadi ukuze uzenzele imali?

Ndaqala ngokubhala izigxeko-ncomo ngeencwadi endizifundileyo. Emva koko ndandisima ecaleni kwendlela exakekileyo eRhawutini, ndize ndinikezele ngezigxeko-ncomo zam kubaqhubi beemoto ezidlulayo. Xa besithandile isigxeko-ncomo sam, bebeyithenga kum loo ncwadi. Leyo ke yindlela endathi ndaziwa ngayo "njengethanda-ncwadi lasecaleni kwendlela".

Kwenzeka ntoni emva koko?

Ngenye imini, ndaba nodliwanondlebe nomenzi wemifanekiso-bhanyabhanya. Wayifaka kwi-intanethi ividiyo yodliwanondlebe yaza yanwena okomlilo wedobo kwihlabathi lonke. Loo vidiyo yabutshintsha tu ubomi bam. Ngoku abantu bandicela ukuba ndenze iintetho malunga nokufunda kunye neencwadi ndawo yonke. Ngoku ndinabahlobo abangababhali, iintatheli kunye neenjigalwazi kwihlabathi jikelele.

Khawusixelele ngeklabhu yokufunda yakho.

Ndiqhuba iklabhu yokufunda kufutshane nalapho ndihlala khona. Igama layo yiBook Readers' Club. Abantwana bale ngingqi badibanela apha ukuze bonwabele ukwabelana ngeencwadi namabali.

Kutheni kubalulekile ukufunda?

Ukufunda sisixhobo sokulwa nemingeni yezentlalo. Ukuba uyafunda, uyacinga.

NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:
Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.
SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:
Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.
Kwi-SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



Drive your
imagination








Get story active!

Here are some ideas for using the stories in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

Nina and the funky experiment

This story is an extract from a South African children's novel. It is about something unexpected that happens one morning in Nina's home! Children from about 8 years old are most likely to enjoy the story, but younger children will enjoy doing the experiments below with them!











-  Encourage your children to experiment with turning this story extract into a comic. Try to find examples of comic books and/or cartoons in newspapers and look at them together. Let your children draw their own pictures, use speech bubbles and a few introductory sentences to create their own comic!
-  Suggest that your children continue the story after Tiaan has eaten baking soda instead of sugar on his cereal. What happens to him? What happens with Nina's experiment?
-  Let your children try using baking soda (just like Nina planned to) in these simple experiments. They can be a bit messy so you might want to do them outside!
 -  **Bubble over:** Put some baking soda in the bottom of a tall container, like a plastic cup or glass. Slowly pour in some vinegar and watch how the mixture bubbles over the top!
 -  **Fizzy ice:** Fill an ice cube tray with vinegar and food colouring and put this in the freezer. When they are frozen, pop the ice cubes out onto a plate. Use a teaspoon to put some baking soda on top of each cube and then put a teaspoon of vinegar on top of that. Watch how the cubes fizz!

Dancing star


Dancing star is a story about a young boy who discovers his talent for dancing. It is best suited to children aged 3 to 8.








-  As you read the story together, talk about some of these things.
 -  **Pages 2 and 3:** What do you think of the way the other children behaved towards Thando? What would you have done if you had been there?
 -  **Page 6:** How do you think the children at the dance class feel? How can you tell?
 -  **Pages 14 and 15:** How do you think Thando feels now? How can you tell? Do you think he enjoys dancing?
-  After you have finished the story, ask your children: Which do you like best: running races or dancing? What other things do you enjoy doing? What are you good at?
-  If you have access to the Internet, you and your children can watch videos of people doing the salsa, rumba and jive dances. Then, why not put on some music and try out some of the dance moves you saw?
-  Encourage your children to draw a pictures of themselves doing something that they are good at. Suggest that they write something to go with their pictures.
-  If you are using this story at a reading club, invite the children to act out the story.

Sunshine

This story is about Melisizwe, the canary he loved so much and the lesson she teaches him. Enjoy reading it aloud or retelling it, then discuss some of these questions with your children.



-  What do you think Melisizwe learnt in the story?
-  Why do you think he took the bird back to the forest? Would you have done that? Why or why not?
-  Why do you think Melisizwe's mother did not tell him to set the bird free? What do you think of what she did instead?
-  Do you think the canary loved Melisizwe? How do you know this?
-  Do you think it is fair to keep birds in cages? Why or why not?






Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso zokusebenzisa amabali akolu hlelo. Khetha ezo zifanele ubudala nemidla yabantwana bakho.











UNina kunye nomfuniselo ogqwesileyo

Eli bali licatshulwe kwinoveli yabantwana yaseMzantsi Afrika. Limalunga nento engalindelekanga eyenzeka kwikhaya likaNina! Abantwana abamalunga neminyaka e-8 ubudala ngabona bangalonwabelayo eli bali, kodwa abantwana abancinane nabo bangakonwabela ukwenza le mifuniselo engezantsi!

-  Khuthaza abantwana bakho bazame ukuguqula esi sicutshulwa sebali, besenza isiyoliso. Zama ukufumana imizekelo yeencwadi zamabali ahlekisayo anemifanekiso okanye/kunye neekhathuni kumaphephandaba ze nizibuke nikunye. Vumela abantwana bakho ukuba bazobe eyabo imifanekiso, ze basebenzise amaqamza entetho kunye nezivakalisi ezimbalwa zokuvula xa beqamba esabo isiyoliso!
-  Cebisa ukuba abantwana bakho baliqhube ibali emva kokuba uTiaan egalele umgubo wokunyusa - *ibaking soda* endaweni yeswekile kwisiriyeli yakhe ayityileyo. Kwenzeka ntoni kuye? Kwenzeka ntoni kumfuniselo kaNina?
-  Vumela abantwana bakho ukuba basebenzise *ibaking soda* (kanye ngale ndlela uNina ebeceba ukuyisebenzisa ngayo) kule mifuniselo ilula ilandelayo. Le mifuniselo ingcolisa kakhulu, ngoko ke mhlawumbi ungathanda ukuba ingenzelwa ngaphakathi endlwini!
 -  Ukuphuphumisa ugwebu: Galela *ibaking soda* kwisikhongozeli esinobunzulwana, esifana nemagi yeplastiki okanye eglasini ende. Galela iviniga ngokuthayo uze ubukele loo mxube usenza amaqamza nogwebu olude luphuphumele ngaphandle!
 -  Ukuhlwahlwazisa umkhenkce: Zalisa itreyi yokwenza umkhenkce ngeviniga ze uyixube kunye neziniki-mbala zokutya ezibu-inkirha, uze uyifake kwisikhonkcezi. Xa loo magaqa sele eqinile, wakhuphe kule treyi uwabeke epleyitini. Sebenzisa itispuni ukugalela *ibaking soda* phezu kwaloo magaqa omkhenkce uze ugalele itispuni yeviniga ngaphezulu. Bukela ke ngoku indlela loo magaqa ahlwahlwaza ngayo!






Imbalasane yomdaniso

Imbalasane yomdaniso libali elimalunga nenkwenkwana eyafumanisa ukuba inetalente yokudanisa. Eli bali lilungele abantwana abaneminyaka e-3 ukuya kwe-8.

-  Njengokuba nifunda ibali kunye, ncokolani ngezinye zezi zinto.
 -  **Iphepha le-2 nele-3:** Ucinga ntoni ngendlela abanye babantwana abebziphethe ngayo ngokubhekiselele kuThando? Ukuba wawulapho wawuza kwenza ntoni wena?
 -  **Iphepha le-6:** Ucinga ukuba abantwana kwiklasi yomdaniso baziva njani? Ukwazi njani oko?
 -  **Iphepha le-14 nele-15:** Ucinga ukuba uThando uziva njani ngoku? Ukwazi njani oko? Ucinga ukuba uyakonwabela ukudanisa?
-  Emva kokuba ugqibile ukufunda ibali, buza abantwana bakho le mibuzo ilandelayo: Yeyiphi eyona nto uyithandayo phakathi: kokubaleka elugqatsweni nokudanisa? Zeziphi ezinye izinto okonwabela ukuzenza? Yeyiphi eyona nto ubalaseleyo ekuyenzeni?
-  Ukuba unayo i-intanethi, ukunye nabantwana bakho ningabukela iividiyo zabantu abadanisa *isalsa*, *irumba* kunye ne*jive*. Xa kunjalo ke, kutheni ungavuli umculo nje ze nizame ezinye iintshukumo zale midaniso beniyibukele kwezo vidiyo?
-  Khuthaza abantwana bazobe imifanekiso yabo besenza izinto ababalaseleyo ekuzizeni. Bacebise ukuba babhale okuthile okukhapha imifanekiso yabo.
-  Ukuba eli bali ulisebenzisa kwiklabhu yokufunda, mema abantwana ukuba benze umdlalo weqonga osekwe kulo.

USunshine

Eli bali limalunga noMelisizwe, umlonji awayewuthanda kakhulu kunye nesifundo owamfundisa sona. Yonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona, ze emva koko nixoxe ngeminye yale mibuzo nabantwana bakho.

-  Ucinga ukuba uMelisizwe wafunda ntoni kweli bali?
-  Ucinga ukuba kutheni wayibuyisela kwasehlathini nje intaka? Wawunokuyenza wena loo nto? Kutheni ucinga ukuba wawuza kwenza njalo okanye kutheni ucinga ukuba wawungenakukwenza oko?
-  Ucinga ukuba kutheni umama kaMelisizwe engazange amyalele ukuba ayikhlule intaka nje? Ucinga ntoni malunga noko wakwenzayo endaweni yokumxelela ukuba akhlule intaka?
-  Ucinga ukuba umlonji wawumthanda uMelisizwe? Ukwazi njani oku?
-  Ucinga ukuba bubulungisa ukugcina iintaka zivalelwe? Kutheni ucinga ukuba bubulungisa okanye kutheni ucinga ukuba asibobulungisa?



Did you know that there is a Nal'ibali app on Mxit?
You can find stories on the app to read to your children, as well as ask us questions about reading, writing and storytelling. Below are some of the questions that people have already sent us through this app – as well as our advice to them.

Ingaba ubusazi na ukuba kukho i-app kaNal'ibali ku-Mxit?

Ungafumana amabali kule app ukuze ufundele abantwana bakho, kwaye ungasibuza nemibuzo emalunga nokufunda, ukubhala kunye nokubalisa amabali. Nantsi apha ngezantsi eminye yemibuzo abantu abasele besithumelele yona ngale app – kwakunye neengcebiso esithe sabanika zona.

Here's how to sign up for the Nal'ibali reading-for-enjoyment app:

- Download Mxit on your cellphone by going to m.mxit.com.
- Go to Apps, then Search and then Nalibali.

Nantsi indlela onokuthi ujoyine ngayo ukuze ufumane i-app yakwaNal'ibali yokufundela ukuzonwabisa:

- Kopela uMxit kwiselula yakho ngokuya ku-m.mxit.com.
- Yiya ku-Apps, ze emva koko uye ku-Search ulandele ngo-Nalibali.

Dear Nal'ibali... Nal'ibali endimthandayo...

Write to Nal'ibali at
**PRAESA, Suite 17-201, Building 17,
Waverley Business Park, Wycroft
Road, Mowbray, 7700, or at
letters@nalibali.org.**

Bhalela uNal'ibali kwidilesi
ethi: **PRAESA, Suite 17-201,
Building 17, Waverley Business Park,
Wycroft Road, Mowbray, 7700, okanye
ku-letters@nalibali.org.**

I have a 9-year-old girl who is in Grade R. She doesn't like writing and I don't know what to do.

When children experience the power of stories in books, and they have something that they want to communicate, they develop an interest in writing. Encourage your child by reading to her regularly for at least 15 minutes a day. Leave writing materials within reach at home so that she can write down a list of things she may want you to buy for her, or so that she can write a note to you when she wants to tell you something. Remember to also be a writing role model for her – she needs to see you writing to realise that it is valuable!

What words should a Grade 6 child be able to read?

Children's reading abilities differ quite a lot, so it's not really possible to say what words all Grade 6 children should be able to read. As long as your child understands what he/she is reading, enjoys reading and reads regularly, his/her reading will improve over time. Encourage your child by reading to him/her every day.

What can I do to help my son memorise the letters of the alphabet?

The main way that children learn to memorise letters is by using them. Try writing out the alphabet with him. Then point to each letter, and say its name and the sound it makes. Help your son to understand that letters make up words by drawing his attention to different letters in signs and other words in your environment. Also, when you read stories to him, point out letters that might have special importance for him. For example, the letter that his name starts with – you could say, "Oh look, **fox** has got the letter **x** in it, just like the **x** in your name, **Xola**."

Ndinentombazanyana eneminyaka e-9 efunda kwiBanga R. Akakuthandi konke ukubhala kwaye andazi ukuba ndingenza ntoni na.

Xa abantwana behlangana namandla amabali ezincwadini, kwaye kukho into abafuna ukuyivakalisa, bakhulelwa ngumdlu wokubhala. Khuthaza umntwana wakho ngokumfundela rhoqo, ubuncinane, kangangemizuzu e-15 ngosuku. Beka izinto zokubhala kwindawo anokufikelela lula kuyo ekhaya ukuze akwazi ukubhala phantsi uluhlu lwezinto angathanda ukuba umthengele zona, okanye akubhalele umyalezo xa kukho into afuna ukukuxelela yona. Kananjalo khumbula nawe ukuba ngumzekelo wokubhala kuye – kufuneka akubone ubhala nawe ukuze aqonde ukuba ukubhala kuxabisekile!

Ngawaphi amagama umntwana weBanga le-6 afanele ukuba uyakwazi ukuwafunda?

Izakhono zokufunda phakathi kwabantwana zahluka kakhulu, ngoko ke asikwazi ukuwachaza ngokuchanekileyo amagama afanele kukwaziwa nokufundwa ngabo bonke abantwana beBanga le-6. Ukuba nje umntwana wakho uyakuqonda oko akufundayo, uyakonwabela ukufunda kwaye ufunda umhla nezolo, ukwazi kwakhe ukufunda kuza kuphucuka ngokuhamba kwexesha. Khuthaza umntwana wakho ngokumfundela yonke imihla.

Ndingenza ntoni ukunceda unyana wam abazi ngentloko oonobumba be-alfabhethi?

Eyona ndlela abantwana abafunda ngayo ukwazi ngentloko oonobumba kukubasebenzisa. Zama ukubhala oonobumba be-alfabhethi kunye naye. Emva koko khomba unobumba ngamnye, ubize igama abizwa ngalo kunye nesandi asenzayo. Nceda unyana wakho aqonde ukuba oonobumba benza amagama ngokutsalela umdlu wakhe koonobumba abohlukileyo abakwiimpawu kunye namanye amagama akokuningqongileyo. Kananjalo, xa umfundela amabali, yolatha oonobumba abangabaluleka ngokukhethekileyo kuye. Umzekelo, unobumba eliqala ngaye igama lakhe – mhlawumbi ungathi, "Jonga, **ixoxo** linonobumba ongu-**x** kulo, kanye njengo-**x** osegameni lakho elithi, **Xola**."

Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. Keep the sheet with pages 5, 6, 11 and 12 separate from the sheet with pages 7, 8, 9 and 10.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold each sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Bekela bucala uxwebhu olunamaphepha aqalela kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lungadibenanga noxwebhu olunamaphepha aqalela kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa iphepha phakathi uhamba ngomgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgca oluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.




Drive your
imagination



“Umthi welamuni uxakathe kade kulo nyaka. Jonga
ilamuni endizicholey, kwaye sele kusentwasahlobo
ngoku.” Wabeka ibhasikithi phezu kwetafle. “Ebudeni
bemini singenza enye isiraphu yelamuni, kuba ndiyabona
ukuba niyigqibile isiraphu ebendiyenzile. Tiani!” ukhwaze
njalo. “Khawuleza ulunge!”

Umma wakhe wangena kucango lwangasemva
ephethwe ibhasikithi. Kwakukho igqabi elincamathcle
kwiqawuni yakhe.

Ngoxu, sele eth e qwa, wanxiba impahla yakhe yesikolo
waya ekhishini. Kugala wathatha isitya esimhlophe
seswekile etafeni waza wagalela iswekile kwisingxotyana.
Emva kokugqogqqa ikhabhathi zasekhishini, wakhupha
ibhokisi ezuba. Le bhokisana yayibhalwe *Sodium
Bicarbonate* ngaphandle, ngoonobumba abakhulu
nabamnyama. Ze ke emazantsi, kubhalwe kancinane:
Baking Soda.



“The lemon tree is bearing fruit late this year. Look
at how many lemons I’ve just picked, and it is already
spring.” She put the basket on the table. “Later we can
make some more lemon syrup, seeing as you finished
all the syrup I made the other day. Tiani!” she called.
“Hurry up and get ready!”

Her mother came in the back door carrying a basket.
There was a leaf stuck to her nightgown.

Now wide awake, she put on her school uniform and
made her way to the kitchen. First she took the white
sugar bowl from the table and tipped the sugar into
a little bag. Then she rummaged through the kitchen
cupboard and took out a blue box. Sodium Bicarbonate,
it said in big black letters on the front of the box. And
at the bottom, in smaller print: Baking Soda.

WINNERS of ATKV Children’s Book Awards in 2013 and 2015

The resourceful BFFs Nina and Jessie are back.

In *Nina en die wacky hare* they exposed the horrible teacher Miss Morkel as the mastermind behind the lice infestation at Tierkop Primary.

In *Nina en die funky eksperiment* there is another mystery that needs solving. What’s wrong with the so-called “energy drink” of which a TV ad is being filmed at their athletics competition?

Buy these books
to find out why Grade 4-5 learners chose them
as their favourite books in the
ATKV Awards!



Tafelberg

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment
campaign to spark children’s potential through
storytelling and reading. For more information,
visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



It starts with a story...


UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela
ukuzonwabisa nokuvuselela umdla
ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda.
Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe,
ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye
ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

Nina and the funky
experiment

UNina kunye
nomfuniselo
ogqwesileyo




Elizbè van der Colff
Chris Venter

Kusenjalo, wakhumbula: umboniso womfuniselo! Unamhlanje! Seso kanye izizathu esabangela ukuba asete ivuso lakhe ukuba likhale kusekhuthuba, ukuze akwazi ukuba nexsha eloncleyo lokugokelela zonke izinto abazifunayo zokwenza umfuniselo.

Esizela kakuhlu njalo, uNina wathatha iselula yakhe waze wacima ivuso.

Ngethamsanga indawo yokuzimela kaNina zange ibhaqwe, kodwa nje phambi kokuba uMirkia noDanie baphume, uNina waziva enyunguzelwa yimpumlo ngenxa yothuli lwegumbi lokugcina impahla. Wayesazi ukuba uza kuthimla. Ngethamsanga uMirkia walumbaktraza ukuluvala ucanango lwegumbi lokugcina impahla xa kanye uNina ethimla. Ukuba kwakungenzekanga oku, yayingasayi kuba liphupha elibi nje kuphela eli ...



“Mincemeat, that’s what I’m going to make of you! Mincemeat!” shouted Mirkia. Her eyes flashed. She towered over Nina like a giant. Where Mirkia’s nose should have been, there was now only a huge, yellow pimple! Nina tried to run away, but tripped over her own feet. Mirkia and her brother came closer. With their long arms, they tried to grab hold of Nina.

“Mincemeat, mincemeat!” Nina heard them say as she stumbled away. All around her were children holding yellow cooldrink bottles. They pointed and laughed at her as they drank their cooldrink. Nina wanted to stop them, but she couldn’t get a word out.

“Smile, Nina! I want to take a photo of you!” It was Jessie. Jessie jumped in front of Nina pointing her cellphone at Nina. *Click-click!* Jessie took a photo just before she too drank a huge gulp of her cooldrink.

“Out of my way, Jessie! They are trying to catch me!” Nina tried to shout, but not a word came out of her mouth.

Nina swept up the baking soda and took the dustpan to the bin.

“Thank goodness!”

your experiment?”

worry, Nina, it looks like there is still enough left for She picked up the box and looked inside. “Don’t broom and help your sister clean up,” said their mom. “Come on, Tiaan, go and fetch the dustpan and

“Sorry,” mumbled Tiaan as he sat down at the table.

the mess.

your eyes!” Nina used her hands to try to clean up

“Duh! When you wake up, you are supposed to *open* “Tiaan, look at what you’ve done!” she said angrily.

from his room. Moments later he shuffled into the kitchen, still in his pyjamas. His eyes were only half open and he still looked half asleep. Nina started to potter again, but the next moment someone bumped into her back. The box of baking soda fell on the floor and a fine layer of white powder spread across the tiles.

endlwini. Utata wakhe wathatha elinye iqebengwane waze walandela umama ukuphuma ngomnyango. UNina wamva utata wakhe xa esithi kumama wakhe, “Mna noNina siza kubuya kade emva kokuziqhelisa ngokuhlwa nje, kufuneka ndidlule kwa-W & Z Limited. Kungcono ukuba utye kwangoku ...”

UNina wathi nkxu iqebengwane lakhe etini yakhe. Waluma lo gama ajamele uTiaan kodwa engabonwa mntu. Wayezama ukucinga ukuba yintoni afuna ukuyenza utata wakhe kwa-W & Z Limited. UTiaan wagalela ubisi kwisiriyeli yakhe. Njengesiqhelo wakha amatispuni achichimalayo eswekile kweso sitya seswekile simhlophe, wawagalela kwisiriyeli yakhe. Waza watsho ngomkhulu umthamo.

“Rha!” watshica. Umthamo wesiriyeli wathi saa phezu kwetafile. Wayitshica yonke loo siriyeli.

UNina wamwa ngentsini. “Ugalele *ibaking soda* endaweni yeswekile kwisiriyeli yakho. Kukhangeleka ngathi usalele kuba le *baking soda* ndiyigalele kwesi sitya seswekile kanye apha phambi kwakho kwimizuzwana nje embalwa edlulileyo!”

UTiaan zange aphendule, kodwa wakhuhla ulwimi lwakhe ngeminwe yakhe. “Ayisembi!”

Veki nganye emva koko, uThando wayengena
eklasini yomdaniso. Wafumana nabadhlobo
abatshe ababekhanda ukudanisa.



Every week after that, Thando went to dance class.
He made new friends who also liked dancing.

UThando wamamela umculo.
Walandela isingqi namanyathelo: cotha,
cotha, khawuleza, khawuleza.



Thando listened to the music. He followed
the steps: slow, slow, quick, quick.

Dancing star is from the Rainbow Reading series by
Cambridge University Press. Rainbow Reading is a
graded series for primary schools. It provides a wealth
of original stories and factual texts, which will help
learners to develop the reading skills and vocabulary
they need to meet the requirements of the curriculum –
in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350
titles which are grouped by level and theme. For further
information, visit www.cup.co.za




Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za



CAMBRIDGE
UNIVERSITY PRESS
www.cup.co.za

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment
campaign to spark children's potential through
storytelling and reading. For more information,
visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela
ukuzonwabisa nokuvuselela umdla
ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda.
Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe,
ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye
ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

CAMBRIDGE

Dancing star

Imbalasane yomdaniso



Shumi Chimombe
Nikki Jones





Bafunda ukwenza iintlobo ezohlukileyo zomdaniso. Bafunda ukudanisa i-salsa, i-rumba kunye ne-jive.

They learnt to do different dances. They learnt the salsa, the rumba and the jive.



Ngenye imini uNkosazana Dana wathetha noThando wenjenjle, “Ungumdanisi onesakhono kakhulu. Ndifuna udanise ekonsathini yesikolo.”

One day Miss Dana said to Thando, “You are a very good dancer. I want you to dance at the school concert.”



Thando doesn't like sports. He can't run fast. Every sports day he comes last and the other children laugh at him. “Slow coach! Your legs are too short!” they shout.



Kusenjalo uve umculo usitsho. Waqala ke washukuma: cotha, cotha, khawuleza, khawuleza. Jikelele, jikelele waqhuba njalo edanisa kunye neqabane lakhe. Ababukeli babaqhwabela izandla, bekhwaza. UThando angangakwazi nje ukubaleka ngesantya esiphezulu, kodwa yimbalasane ekudaniseni!

Kwafuneka ukuba uThando aziphelise
ukudanisa yonke imihla ukuze abengcono:
cotha, cotha, cotha, khawuleza, khawuleza.



Thando had to practise every day to dance
even better: slow, slow, quick, quick.




Then he heard the music. He began to move: slow,
slow, quick, quick. Round and round he spun with his
partner. The audience cheered.
Thando might not be able to run fast, but he dances
like a star!

Ngosuku olulandelayo emva kokuphuma
kwesikolo, uThando waya kwiklasi yomdaniso.
Kwakukho abantwana abaninzi apho.
Ingamakhwenkwe namantombazana. Abadala
nabancinane. Abade nabafutshane.



The next day after school, Thando went to dance
class. There were lots of children there. Boys and
girls. Big and small. Tall and short.



UThando akayithandi imidlalo. Akakwazi
ukubaleka ngesantya esiphezulu. Qho ngeentsuku
zokubaleka, usoloko ephuma mgqutsu ze ke
abanye abantwana bamhleke.
“Hayi Nqwelo yonwabu!” Imilenze yakho
mifutshane kakhulu!” bamkhwaza batsho.

“Because I always come last. I am not good at anything,” he said.
“Don’t cry,” said Miss Dana. “Come to my dance class tomorrow. Maybe you can dance!”
“Kuba ndisoloko ndiphuma mgqutsu. Akukho nto ndikhe ndigqweke kuyo mna,” watsho.
“Musa ukulila,” watsho uNkosazana Dana. “Uzuze kwiklasi yam yomdaniso ngomso. Mhlawumbi ungakwazi ukudanisa!”



One day after a race, Thando began to cry. Miss Dana, the dance teacher, saw him.
“Thando, why are you crying?” she asked.
Ngenye imini emva koggatso, uThando wasitsho isikhalo. UNkosazana Dana, ongutiishala womdaniso, wakubona oko.
“Thando, ulilela ntoni?” ubuze watsho.

He danced at home. He danced in the street. He danced everywhere!
Wayedanisa ekhaya. Wayedanisa esitalatweni. Wayedanisa kuyo yonke nje indawo!



Soon it was time for the school concert. First the dancers lined up at the front of the stage. Thando felt VERY nervous!
Kungekudala lafika ixesha lekonsathi yesikolo. Kuqala abadanisi babefole emgceni, phambi kweqonga. UThando waziva enxhala KAKHULU!

“Kulungile, Mama!” UNina weva umntakwabo, uTiaan, ekhwaza esegumbini lakhe esitsho. Emva kwemizuzwana washixiza, engena ekhithshini, esaxibe impahla yakhe yokulala. Amehlo akhe wayewavule kancinane kwaye wayesakhangeleka esafuna ukulala. UNina waphinda waqalisa ukuzixakakekisa kwakhona, kodwa kwathi kusenjalo, kwabakho umntu omgila ngasemva. Ibhokisi ye-*baking soda* yawela phantsi emgangathweni, kwaze kwasasazeka umgubo omhlophe ezithayileni.

“Tiaan, jonga into oyenzileyo!” watsho ngomsindo. “Mfo! Xa uvuka kufuneka *unile amehlo* akho!” UNina wazama ukucoca oko kungcola ngezandla zakhe.

“Uxolo,” wangqumshela watsho uTiaan, ehlala etafleni.

“Phakama, Tiaan, uye kuthatha into yokuwola inkunkuma kunye nomtsheyelo, uze kuncedisa udadewenu nicoce apha,” watsho umama wabo. Umama wabo waphakamisa ibhokisi waze wakrobha ngaphakathi kuyo. “Ungakhathazeki, Nina, kukhangeleka ngathi kusasele umgubo oya kuwonelela umfuniselo wakho.”

“Tyandivuyisa ngokwenene ke loo nto!”

UNina wayiwola *ibaking soda* echithikekileyo, waze waya kuyilahla ngesitya senkunkuma emqomeni.

her mom out of the room. Nina heard him say to her mom, “Nina and I will be home a bit late after practice tonight, I have to stop at W & Z Limited. You had better eat in the meantime ...”

Nina dipped her rusk in her tea. She took a bite while staring absently at Tiaan. She wondered what her dad needed to do at W & Z Limited. Tiaan poured milk over his cereal. As always he scooped three heaped spoons of sugar from the white sugar bowl and poured it over his cereal. He took a big bite.

“Ugh!” he gagged. Bits of wet cereal landed all over the table. He spat out the rest of the mouthful.


Nina burst out laughing. “You put baking soda instead of sugar over your cereal. Looks like you ARE still half asleep because I poured the baking soda into the sugar bowl right in front of you only moments ago!”

Tiaan didn’t answer, but rubbed his fingers over his tongue. “Gross!”

Thankfully Nina’s hiding place had not been discovered, but just before Mirkia and Danie could leave, Nina’s nose began to tickle from all the dust in the storage room. She knew she was going to sneeze. Luckily Mirkia had slammed the door to the storage room shut just as Nina sneezed. Or else this would not be only a nightmare ...

Still very sleepy, Nina reached for her cellphone and switched off the alarm.

Suddenly she remembered: the experiment display! It’s today! That’s why she had set her alarm to go off a bit earlier, so that she’d have enough time to put together all the things they needed for their experiment.



“Ndakukushwabanisa, nantso into endiya kukwenza yona! Ndakukushwabanisa!” wakhwaza esitsho ngomsindo uMirkia. Amehlo akhe ayetshawuza imibane. Wajinga okweliwa phezu kukaNina engathi sisigebengakazi. Apho kwakufanele ukuba kukho impumlo kaMirkia, kwakukho iqhakuva elikhulu elityheli! UNina wazama ukubaleka, kodwa wakhubeka, wagqoloda. UMirkia kunye nomntakwabo basondela. Bazama ukumnqakula uNina ngeengalo zabo ezinde.

“Ndakukushwabanisa, ndakukushwabanisa!” UNina wabeva besitsho lo gama agqolodayo, ebaleka. Wayengqongwe ngabantwana ababephethe iibhotile ezityheli zesiselo. Babesolathisana ngaye, bemhleka njengokuba babeziselela iziselo zabo ezibandayo. UNina wayefuna ukubanqanda, kodwa wayengakwazi ukuthetha.

“Ncuma, Nina! Ndifuna ukukufota!” YayinguJessie ke lowo. UJessie watsibela phambi kukuNina, ejolise iselula yakhe kuye. *Nqakra-nqakra!* UJessie wamfota ngaphambi nje kokuba naye arhabule isiselo sakhe esibandayo.



“Suka endleleni yam, Jessie! Awuboni ukuba bazama ukundibamba aba bantu!” UNina wazama ukukhwaza, kodwa alatsho ukuphuma ilizwi emlonyeni wakhe.

Igumbi lokugcina izinto elinyama neli-nothuli
 lisekwayindawo yokugcina impahla yesikolo esele
 isetyenzisiwe. UNina wayeye kulo esiya kukhangela iteki
 ezibuntshana. Xa kanye wayelungiselela ukuphuma, weva
 uMfrikia kunye neNkwenkwe egama linguDanie bethetha
 ngaphandle. UNina wakhawuleza wazimela emva kwempahla
 kuba wayengaziva enokumelana nokuxambulisana noMfrikia.

UNina wawuka ebile xhopho. Yayiliphupha elibi nje kuphela elo, wacinga njalo ngezibini zehlele. Le nto yenziswa kokwenzeke kwiqumbi lokugcina izinto izolo. UNina wahlasimla akukhumbula okwenzeke ngosuku lwayizolo ...

Ngakira-ngakira! Ngakira-ngakira!

U Jessie wamthi ngaku ngenzalo uNina embonisa ifoto. Iyho! Bonke ubuso bakhe babuzele ngamaqhakuvai *Nqaku-nqaku!* Banda ngokwanda abantwana abamfotayo. Babemhleka bonke nje.



Jessie grabbed Nina by the arm and showed her the photo. Oh no! Her whole face was covered in pimples! *Click-click!* More children took photos. They were all laughing at her.


“No, don’t do that, leave me alone!”
cried Nina. Nobody heard her.

Click-click! Click-click!

Nina woke up drenched in sweat. A nightmare, that's all it was, she thought relieved. It's because of what happened in the storage room yesterday. Nina got a chill as she remembered what had happened the day before ...

The dark, dusty storage room is also the school's second-hand clothing bank. Nina had gone there to find a new pair of takkies. As she was about to leave, she heard Mirkia and a boy named Danie outside the door. Nina quickly hid behind the rail of clothes because she did not feel up to a confrontation with Mirkia.

“H’m, the exercise is good for you too, Dirk. Come on, you must all hurry up or else you’ll be late,” her mom said over her shoulder as she walked out of the room. Her dad grabbed another rusk and followed



the kitchen.

"Remember, my girl, tonight we are practising high-jump again. Eat well today because you are going to need the energy," he said. He took a sip of his coffee and playfully pulled her ponytail.

“See, nothing was wasted,” said Tiaan, sticking his tongue out at Nina while their mom’s back was turned. Nina pulled a face at him.


“No, wait,” said her mom. “Don’t throw it away. I want to pour it down the blocked drain along with some vinegar to clean the pipes.” Nina picked up the nearest container – the empty sugar bowl on the table. Carefully she poured the baking soda from the dustpan into the sugar bowl. Then she put the sugar bowl back on the table and wiped her hands on a cloth.

“Hayi, yima,” watsho umama wakhe. “Musa ukuyilahla. Ndifuna ukuyigalela kumsele wamanzi obhlokileyo, ndiza kuyixuba neviniga ukuze ndicoce loo mibhobho.” UNina wathatha isikhongozeli esikufutshane – isitya seswekile esingenanto esasiphezu kwetafile. Wayigalela ngononophelo kweso sitya seswekile *ibaking soda* awayeyiwole phantsi. Waza ke emva koko wabeka isitya eso seswekile kwasetafileni, waza wosula izandla ngelaphu.

“Uyabona, akukho nto yonakeleyo,” kwatsho uTiaan ekhuphe ulwimi, enyonyozela uNina lo gama umama afulatheleyo. UNina wamjamela, ubuso bakhe bujalile.

Utata wakhe naye weza kungena
kubo ekhitshini kwesi sithuba.

“Khumbula ke, ntombi yam, ukuba ngokuhlwa nje siza kuziqhelisa ukutsiba kwakhona. Kufuneka utye kakuhle namhlanje kuba aza kufuneka onke loo mandla!” watsho. Warhabula ikofu yakhe waza waphulula iinwele zakhe ezinomtshoba ngasemva.




“Emmm, umthambo ukulungele nawe, Dirk. Phakamani nonke, kufuneka sikhawulezise okanye niza kushiywa lixesha,” watsho umama wakhe ejonge ngasemva lo gama aphuma

10 tips for sharing books with children aged 9 and older

Getting very young children into the habit of reading regularly is sometimes easier than helping them to keep doing this as they get older! As they grow up, it is important to keep encouraging and supporting our children as readers.

Here are some ways in which you can help make reading something your children *choose* to do – rather than something they *have* to do.

1. Let them see that you value reading. So, make time to read yourself, go to the library together and have books in the home.
2. Share reading material that you come across that you think might interest your children, for example, magazine and newspaper articles, poems and websites on the Internet.
3. Make time to discuss what your children are reading. For example, ask them to tell you what happened in the book they have just finished, or ask them what happened in a previous chapter as they settle down to continue reading a book.
4. Let them choose what they want to read, and then encourage and support their choices of books. Deciding what types of books you like to read is part of developing as a reader.
5. Sometimes children enjoyed being introduced to different types of books (like stories about real-life situations, fantasy or biographies) that they haven't tried before. Libraries and book shops are good places to find a variety of books. Visit them together as often as you can.
6. Encourage less-regular readers by buying magazines for them, leaving a newspaper lying around and suggesting they visit websites with interesting content.
7. Ask your friends what their children enjoy reading and suggest these books to your child.
8. Keep reading to your children – even when they are competent independent readers. Choose books that are slightly more advanced than the level at which they are currently reading on their own.
9. Set aside a special time each week where you read aloud to your child. You could choose a book together especially for these times, and then read a few chapters each week.
10. Encourage your children to read in bed every evening before they go to sleep.



Iingcebiso ezi-10 zokwabelana ngeencwadi nabantwana abaneminyaka e-9 nangaphezulu

Ngamanye amaxesha kulula ukukhuthaza abantwana abancinane kakhulu ukuba bafunde rhoqo, kunokubagcina bahlale bekwenza oko ngokuya bekhula! Njengokuba bekhula nje, kubalulekile ukuba sihlale sibakhuthaza njalo kwaye sibaxhase abantwana bethu njengabafundi.

Nazi ezinye zeendlela onganceda ngazo ukwenza ukufunda kube yinto abantwana bakho *abakhetha* ukuyenza – kunokuba ibe yinto *ekufuneka* beyenzile.

1. Mababone ukuba ukuxabisile nawe ukufunda. Ngoko ke, nawe zinike ixesha lokufunda, lokuya kwithala leencwadi kunye nabo kwanokuba neencwadi apha ekhaya.
2. Yabelana nabo ngemithombo yokufunda oyifumanayo ncinga ukuba inganomdla kubantwana bakho. Umzekelo, amaqaku avela kwiimagazini nakumaphephandaba, imibongo kunye neewebhusayithi ezikwi-intanethi.
3. Zinike ixesha lokuxoxa ngezinto ezifundwa ngabantwana bakho. Umzekelo, bacele ukuba bakuxelele ukuba kwenzeke ntoni na encwadini abasandul' ukugqiba ukuyifunda, okanye ubabuze ukuba kwenzeke ntoni na kwisahluko esithile esidlulileyo njengokuba behlala, bezinza phantsi belungiselela ukuqhubeka nokufunda incwadi.
4. Bavumele bakhetha ukuba bafuna ukufunda ntoni na, uze ke ubakhuthaze kwaye ubaxhase kwezo ncwadi bakhetha ukuzifunda. Ukugqiba ngeentlobo zeencwadi othanda ukuzifunda yinxalenye yokuziphuhlisa njengomfundi.
5. Ngamanye amaxesha abantwana bayakonwabela ukwaziswa ngeentlobo ezahlukileyo zeencwadi abangazange bazizama ngaphambili (njengamabali amalunga neemeko zokwenene ebomini, iifantasi okanye amabali abuntsomirha kwakunye neebhayografi). Amathala eencwadi kunye neevenkile zeencwadi ziindawo ezilungileyo zokufumana iintlobo ezohlukileyo zeencwadi. Zindwendweleni nonke kangangoko ninakho ezi ndawo.
6. Khuthaza abafundi abangafundi rhoqo ngokubathengela iimagazini, ngokushiya amaphephandaba ezihlelele njee ukuze bafikelele lula kuwo nangokubacebisa ukuba bandwendwele iwebhusayithi eziqulethe izinto ezisala umdla.
7. Buza abahlobo bakho ukuba abantwana babo bonwabela ukufunda ntoni na, uze ucebise umntwana wakho ngezi ncwadi zifundwa ngabantwana babahlobo bakho.
8. Qhubeka nokubafundela njalo abantwana bakho – nokuba sele bengabafundi abakwaziyo ukuzifundela ngokwabo. Khetha iincwadi ezinzinyana kunomgangatho abakuwo wokuzifundela.
9. Bekela bucala ixesha elikhethekileyo veki nganye ukuze ufunde umntwana wakho ngokuvakalayo. Ningayiketha kunye incwadi, ngakumbi eza kufundwa ngala maxesha awodwa, nize ke nifunde izahluko ezimbalwa kwiveki nganye.
10. Khuthaza abantwana bakho ukuba bafunde besezibhedini zabo rhoqo ngokuhlwa, phambi kokuba balale.

DID YOU KNOW?

Does your young child like to:

- ★ dress up in hats, shoes, scarves and belts?
- ★ hide under blankets?
- ★ play under the table?
- ★ hide in different places?
- ★ fill bags with things?
- ★ wrap things in paper and put sticky tape on them?

Did you know that when children do these things, they are exploring the idea of completely covering objects, spaces and themselves? This helps them with Maths later on.



UBUSAZI NA?

Ingaba umntwana wakho omncinane uyakuthanda:


- ★ ukuthwala iminqwazi, anxibe izihlangu nezikhafu okanye abhinge namabhanti?
- ★ ukuzimela phantsi kweengubo?
- ★ ukudlala phantsi kwetafile?
- ★ ukuzimela kwiindawo ezahlukileyo?
- ★ ukufaka izinto ezingxoweni?
- ★ ukusongela izinto ngamaphepha ze ancathelise iteyiphu?

Ubusazi na ukuba xa abantwana besenza ezi zinto, baphonononga ingcingane yokogquma ngokupheleleyo izinto, iindawo kwakunye neziqo zabo? Oku kubanceda kwiZibalo ekuhambeni kwexesha.



Sunshine

By Ann Walton ✨ Illustrations by Johann Strauss



Melisizwe lived in a village on the edge of the Tsitsikama forest. One day, as he was walking home from school, he found a little canary lying on the forest floor. It was flapping its wings, but it could not fly.

"Ah, I think your wing is broken!" said Melisizwe. He picked the canary up very carefully, and carried it home to his mother.

"Look, Mama, I found a bird with a broken wing in the forest," he said.

"No, this bird's wing is not broken," said Mama. "This baby canary has fallen out of her nest. She is too young to fly, and she would have died if you had not found her, Melisizwe."

So Melisizwe and his mother made a bamboo cage, and put the little bird in it on a thick bed of leaves. "When you grow up, your breast will be the warm colour of the sun little bird, so I will call you Sunshine!" said Melisizwe.

Melisizwe fed Sunshine every morning and every evening. He gave her a dish of water, a dish of millet seeds and some sweet, new spinach leaves. The little bird soon grew old enough and strong enough to fly around the cage.

When Melisizwe went to school in the mornings, Sunshine stayed alone in her cage in the hut. When Melisizwe played outside with his friend, Mibono, making clay oxen, Sunshine stayed alone in her cage in the hut. And when Melisizwe practised stick fighting with Vuyo, Sunshine stayed alone in her cage in the hut.

One morning, while Melisizwe was giving the canary fresh water and millet seed, he spoke to the little bird. "Why are you so quiet, Sunshine? I have heard all the canaries singing in the forest. Why don't you sing too?" he asked.

"I cannot sing. My heart is sad," said Sunshine.

Melisizwe was shocked. "Why is your heart sad?" he asked.

"My name is Sunshine, but I never see the sun because I am alone in this cage inside the hut."

"Then I will put your cage outside in the sun!" said Melisizwe. "You are safe in your cage from the snakes and the hawks, and the wild cats. You are safe with me!"

"I am safe here Melisizwe, but my home is in the forest where I can build a warm nest in a tree. My home is with all the other canaries where we can welcome each day with a song. I am alone here in this cage in the hut," said Sunshine. "And I cannot sing."



"You need not be alone! I will find another canary to keep you company, Sunshine," said Melisizwe, and he ran out of the door, so that he would be in time to walk to school with Mibono and Vuyo.

What Melisizwe did not know, is that Mama had heard every word of his conversation with Sunshine.

That afternoon Melisizwe asked, "Mama, may I go out and play with Mibono? We want to make a kraal out of sticks for our clay oxen."

"No," said Mama. "Today you must stay alone in the hut where you will be safe. I am going next door for a while." So Melisizwe had to stay inside alone.

The next day he asked, "Mama, may I go out and play with Vuyo? We want to practise stick fighting."

"No," said Mama. "Today you must stay alone in the hut where you will be safe. I am going to borrow a book from Gogo." So Melisizwe had to stay inside alone.

The next day he begged, "Please, Mama, let me go out and play with Mibono and Vuyo this afternoon."

"No," said Mama. "Today you must stay alone in the hut where you will be safe. I am going to sit outside in the sun with my book now."

"But why can't I go out and play with my friends, Mama? I don't want to be alone in the hut!" cried Melisizwe.

"I know you don't, my son. It is not good to be alone in the hut," said Mama, who was reading her book outside on a chair in the sun. "But I can't talk to you, Melisizwe. I am busy reading now."

Melisizwe sat down quietly on the floor with tears in his eyes. He looked across the room at Sunshine. The little bird looked back at him. Suddenly Melisizwe felt his heart get heavy and sad.

"I am so sorry, Sunshine," he said softly.

The next morning, when he left for school, Melisizwe picked up the cage. His mother smiled and kissed him. "You have a good heart," she said.

When he reached the forest, Melisizwe stopped under a big tree and set the cage down on the ground. Then he opened the cage door.

"You can fly away now, Sunshine. You are free, little bird," he smiled.

Sunshine hopped to the cage door, then spread her wings and flew out of the cage. She flew up onto a branch above Melisizwe and looked down at him. All at once she sang the sweetest song that he had ever heard. Then she flew far up into the tree to all the other canaries.

Melisizwe picked up the empty cage. Suddenly the air was filled with bird song. All the canaries started to sing. Melisizwe looked up, smiled and walked to school with a happy heart.



UMelisizwe wayehlala kwilali esenyeleni yehlathi laseTsitsikama. Ngenye imini, xa wayesendleleni esinge kokwabo, evela esikolweni, wafumana ithole lomlonji lilele phantsi, ehlathini apho. Umlonji lo wawuphaphazelisa amaphiko awo uzama ukubhabha, kodwa ungakwazi.

“Aha, ndicinga ukuba iphiko lakho lophukile!” kwatsho uMelisizwe. Wawuphakamisa ngononophelo umlonjana lowo, waza wawuthatha ewusa kumama wakhe, ekhaya.

“Jonga, Mama, ndifumene intaka eyophukelwe liphiko ehlathini,” watsho.

“Hayi, iphiko lale ntaka alophukanga,” watsho uMama. “Eli lintshontsho lomlonji eliwe kwindlwane yalo. Lincinane kakhulu ukuba lingakwazi ukubhabha, kwaye beliza kufa ukuba ubungalicholanga, Melisizwe.”

Ngoko ke, uMelisizwe nomama wakhe benza indlwana ngoqalo, baze bayifaka kuyo intakana leyo, beyondlalele amagqabi amaninzi nathambileyo, ukuze ifudumale. “Xa ukhulile, isifuba sakho siza kuba ngumbala ofudumeleyo nogqamileyo welanga ntakana encinane, ngoko ke ndiza kuthiya igama lokuba unguSunshine!” watsho uMelisizwe.

UMelisizwe wayempha ukutya uSunshine qho kusasa nangokuhlwa. Wayemnika isitya samanzi, isitya seenkozo zamazimba kunye namagqabi aswiti esipinatshi esitsha. Kungekudala intakana leyo yakhula ngokwaneleyo, yomelela ngokwaneleyo kangangokuba yakwazi ukubhabha ngaphakathi kule ndlwana yayo.

Wayesithi xa uMelisizwe eye esikolweni kusasa, uSunshine ahlale yedwa kwindlwana yakhe engaphakathi endlwini. Xa uMelisizwe edlala phandle kunye nomhlobo wakhe, uMibono, besenza iinkomo zodongwe, uSunshine wayehlala yedwa kwindlwana yakhe engaphakathi endlwini. Xa uMelisizwe eqhoqhoza ngeentonga nomhlobo wakhe uVuyo, uSunshine wayehlala yedwa kwindlwana yakhe engaphakathi endlwini.

Ngenye intsasa, lo gama uMelisizwe wayenika umlonji amanzi kunye neenkozo zamazimba, wathetha nale ntakana. “Kutheni uthe cwaka nje, Sunshine? Ndiyivile yonke eminye imilonji icula ehlathini. Kutheni ungaculi nje nawe?” wawubuza.

“Andikwazi ukucula. Intliziyo yam ibuhlungu,” watsho uSunshine.

UMelisizwe wothuka kakhulu. “Kutheni intliziyo yakho ibuhlungu nje?” kubuza uMelisizwe.

“Igama lam nguSunshine, kodwa andizange ndalibona ilanga kuba ndihlala ndodwa kule ndlwana ingaphakathi endlwini.”

“Kulungile ke, ndiza kuyibeka phandle elangeni indlwana yakho!” kwatsho uMelisizwe. “Ukhuselekile kwiinyoka nakookhetshe kunye neekati zasendle xa usendlwaneni yakho. Ukhuselekile xa unam!”

“Ewe, ndikhuselekile apha Melisizwe, kodwa ikhaya lam lisehlathini, apho ndinokuzakhela khona indlwane eshushu esemthini. Ikhaya lam lilapho kukho eminye imilonji nalapho samkela usuku ngalunye olutsha ngengoma. Ndinesithukuthezi apha kule ndlwana ingaphakathi endlwini.” watsho uSunshine. “Kwaye andikwazi nokucula.”

Awusayi kuba nasithukuthezi kwakhona! Ndiza kufumana omnye umlonji oza kuhlala nawo, Sunshine,” utshilo uMelisizwe, waze waphuma ngomnyango ebaleka, ukuze akwazi ukuhamba noMibono kunye noVuyo ukuya esikolweni.



Into awayengayazi uMelisizwe kukuba uMama wayeyive yonke incoko yakhe noSunshine.

Ngaloo mva kwemini uMelisizwe wacela umama wakhe wenjenje, “Mama, ndingaya kudlala phandle noMibono? Sifuna ukwenza ubuhlantl ngezinti, senzele iinkomo zethu zodongwe isibaya.”

“Hayi,” watsho uMama. “Namhlanje kufuneka uhlale wedwa apha endlwini nalapho uza kukhuseleka khona. Mna ndisaya kwammelwane okomzuzwana.” Ngoko ke uMelisizwe kwafuneka ukuba ahlale ngaphakathi endlwini yedwa.

Ngosuku olulandelayo wacela wenjenje, “Mama, ndingaya kudlala phandle noVuyo? Sifuna ukuqhoqhoza ngeentonga.”

“Hayi,” watsho uMama. “Namhlanje kufuneka uhlale wedwa ngaphakathi endlwini nalapho uza kukhuseleka khona. Ndisaya kuboleka incwadi kuGogo.” Ngoko ke uMelisizwe kwafuneka ukuba ahlale ngaphakathi endlwini yedwa.

Ngosuku olulandelayo wacenga umama wathi, “Ndiyakucela, Mama torho, ndivumele ndiye kudlala phandle noMibono noVuyo ngale mva kwemini.”

“Hayi,” watsho uMama. “Namhlanje kufuneka uhlale wedwa ngaphakathi endlwini nalapho uza kukhuseleka khona. Mna ndiza kuhlala apha phandle, ndigcakamele ilanga, ndifunde incwadi yam ngoku.”

“Kodwa kutheni ndingenakuphuma ndiye kudlala nabahlobo bam nje, Mama? Andikufuni ukuba ndodwa apha endlwini!” walila uMelisizwe.

“Ndiyazi ukuba awufuni, nyana wam. Akulunganga ukuba wedwa endlwini,” watsho uMama, owayefunda incwadi yakhe ehleli esitulweni phandle, egcakamele ilanga. “Kodwa andikwazi kuthetha nawe okwangoku, Melisizwe. Ndisaxakekile, ndiyafunda ngoku.”

UMelisizwe wahlala phantsi emgangathweni ethe cwaka, amehlo akhe ethe gwantyi iinyembezi. Wajonga kwelinye icala lendlu, wabona uSunshine. Intakana yamjonga nayo. Ngephanyazo uMelisizwe waziva elusizi kakhulu.

“Ndicela uxolo olungazenzisiyo, Sunshine,” watsho ngokuzolileyo.

Ngentsasa elandelayo, xa ehamba esiya esikolweni, uMelisizwe wathatha indlwana. Umama wakhe wancuma waze wamphuza. “Unentliziyo entle kakhulu mntwan’am,” watsho umama wakhe.

Wathi xa efika ehlathini, uMelisizwe wema phantsi komthi omkhulu waze wabeka phantsi indlwana. Emva koko waluvula ucango lwayo.

“Ungabhabha umke ke ngoku, Sunshine. Ukhululekile, ntakana encinane,” wancuma.

USunshine watsibatsiba waya kumnyango wendlwana, waza wawatweza amaphiko akhe wabhabha, waphuma kwindlwana. Wabhabha waya kuthi ngcu kwisebe elisentla koMelisizwe, waza wajonga ezantsi kuye. Ngoko nangoko wacula eyona ngoma yakhe yamnandi nawakhe wayiva uMelisizwe. Waza emva koko ke wabhabha, wenyukela emthini, waya kweminye imilonji.

UMelisizwe wathatha indlwana engenanto. Ngephanyazo umoya wazaliswa luncuthu lwengoma yeentaka ezitsholozayo. Yonke imilonji yaqalisa ukucula. UMelisizwe wajonga phezu, wancuma waza wahamba waya esikolweni ngentliziyo eyonwabileyo.



Nal'ibali fun



When people travel to interesting places they often send postcards to friends and family back home. Postcards usually have a photograph of a place you have visited on one side. A message and the address of the person you are sending the postcard to, are on the other side. Now follow the steps below to make your own postcard!

1. Cut out the front and back sides of the postcard below.
2. Glue the two sides together.
3. On the front of your postcard, draw a picture of a place you would like to visit or a place you enjoyed visiting – or create a magical place all of your own!
4. On the back of your postcard:
 - on the left, write a message to someone you know telling them about how you are enjoying visiting the place in the picture and what you've done while you are there.
 - start your message like this: Dear...
 - don't forget to say who the message is from – you!
 - on the lines on the right, write the name, surname and address of the person you are sending the postcard to.
 - in the empty block above the address, draw a postage stamp.



Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



Xa abantu betyelele iindawo ezinomdla, badla ngokuthumela iiposikhadi kubahlobo kunye neentsapho zabo ezishiyake emakhaya. Iiposikhadi zidla ngokuba nefoto yaloo ndawo uyityeleleyo kwelinye icala. Umyalezo kunye nedilesi yomntu omthumelela loo posikhadi ziba kwelinye icala. Ngoku ke landela amanyathelo angezantsi, uzenzele eyakho iposikhadi!

1. Sika umphambili kunye nomva weposikhadi engezantsi.
2. Dibanisa la macala mabini ngegulu.
3. Ngaphambili kwiposikhadi yakho, zoba umfanekiso wendawo onqwenela ukuyindwendwela okanye indawo oye wakonwabela ukuyindwendwela – okanye ziqambele nje eyakho indawo yomlingo!
4. Ngasemva kwiposikhadi yakho:
 - ngasekhohlo, bhalela umntu omaziyo umyalezo umxelele malunga nendlela okonwabele ngayo ukutyelela loo ndawo isemfanekisweni nokuba wenze ntoni na ngexesha ubulapho.
 - qala umyalezo wakho ngolu hlobo: ... endimthandayo
 - ungalibali ukubhala ukuba lo myalezo uvela kubani na – kuwe!
 - emigceni esekunene, bhala igama, ifani kunye nedilesi yomntu oyithumela kuye iposikhadi.
 - kwibhloko engenanto ngentla kwedilesi, zoba isitampu sokuposa.

Front/Ngaphambili


Back/Ngasemva



Can you think of six words that start with each of the letters that Josh is holding? Write them here.



Ingaba unokucinga ngamagama amathandathu aqala ngonobumba ngamnye kwabo baphethwe nguJosh? Wabhale apha.



Get your copy of the 100th edition of the Nal'ibali reading-for-enjoyment supplement in the week of 27 September 2015!



100

Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane ku-Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Fumana ikopi yakho ye-100 yohlelo lweNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa eliyakuthengiswa kwiveki yomhla wama-27 kweyoMsintsi 2015!

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld



Drive your imagination